**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo kwicandelo ngalinye.
- Nombola kakuhle imibuzo yakho.
- Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1



1.1 Funda ezi zicatshulwa zilandelayo wandule ukuphendula okubuziweyo.

Isicatshulwa A

ALITSHONI LINGENANDABA.

Ngentsasa yangeCawa umhla wama-24 kweyoMnga kuviwe ngengxolo apho kweso sitalato. Kwakutsaliswana ngephephandaba 'Intsimbi' ngenxa yenqaku elalipapashwe kwelo phephandaba, "USAKHUMZI MBONGELA UTSHATILE". Nto yayenza umtsalane nangaphezulu yayingumfanekiso walo mfo nentombi leyo wayezimanya nayo. Into eyayisaziwa nanguthathatha kukuba ubhuti Sakhi wayeza kutshata nosisi Nomsa Ndlovu. Zasezikho ezibalwayo ebuhlanti. Ngelishwa yayingenguye uNomsa kuloo foto kodwa umhlobokazi wakhe wokuqina, uFundiswa, owayehlala kwisitalato esilandela eso wayehlala kuso uNomsa. Ezi ntokazi zazingabahlobo zazelana iimfihlo zazo. Kwakuthi xa kuthe kwaphambana iikomityi kuNomsa noSakhi ibengulo Fundiswa umxolelanisi. Kucacile ke ukuba intombi yakwaMashiya yalidlala ngobuchule itikiti layo yay'ibamb'ilotto yawufumana umendo.

Elokufa alityeli, nangona zazikho iziganeko ezaletha iintlondi phakathi kwabahlobo, yayingazange imfikele into yokuba uFundiswa wayenokumenzakalisa ngolu hlobo. UNomsa ukhe wasokola ukufumana umsebenzi, akabanalo ithamsanqa njengomhlobo wakhe. Kwanqaphaza ukundwendwelana, ushiyakazi wabil'ukukuxakeka emsebenzini. USakhi naye wayefika engulowo wayesoloko engxamile ebik'imbiba ebik'ibuzi.

Abantu ababaluleke kangako empilweni kaNomsa babengafumaneki ngamaxesha ayenqwenela ubukho babo. Nangona wazama ukuxhathisa kodwa waziva ephelelwa ngamandla. Lavela ikroba walisebenza umaMashiya yavuthwa imbiza awayeyiphekile.

Uthe uNdlovukazi akudinwa ukulwa idabi lomphefumlo wazamkela izinto ngendlela ezenzeka ngayo phofu enethemba lokuba izinto zaziya kuphinda zilunge. Wacinga ukuba yayizizaqhwithi zobomi. Wazimisela ukuwonwabela loo mathuba ayekhe aziveze nakuba wayeziva ekude ngomphefumlo kwisoka eli nangona wayekufutshane nalo ngokomzimba nenyama.
Ngelishwa uNdlovukazi akakwazanga ukuwufunda umbhalo owawuseludongeni kuba ubudlelwane bakhe noSakhi babusele budlakazekile iintanda zingasenakungcitywa.

Zade zafika nakuye ezi ndaba zokutshata kwesi sibini. Wasuka wazola wanga usebuthongweni uyaphupha. Kwathi kwakufika abahlobo nezihlobo bezokuvelana naye zabuya iingqondo zavakala izivubeko zemihla yangaphambili neminjunju yomphefumlo. Yafunga le nzwakazi izimisele kunjalo nje ukuba yayingazi kuba yiyo yodwa eva intlungu. Njengoko wayemfake ehlazweni de wahlazisa ukhomokazi yayingazi kuba yiyo yodwa ehlazekayo. Wayeza kuhlawula de ahlawule nangobomi bakhe xa kuyimfuneko. Wayeza kumfundisa isifundo awayengasokuze asilibale esasiya kuba sisifundo kumntu wonke oyindoda ophula isithembiso. Iinyembezi zakhe zazingazu kuncenceshela umhlaba kuba wawungomelanga zona.
Wayiva intlungu walamkela uloyiso nokushiyiselwa yintombi yakwa Mashiya. Wabindeka emphefumlweni wangena embandezelweni, wayishiya indlela elungileyo wamvumela usathane wamsebenzisa emphehluzelisa. Kulo ntliziyo iligazi, yavutha inkohlakalo yamqhubela kwiingcingo ezingcolileyo. Wangcola ngokwasentliziyweni nangokwasengqondweni. Nokokuba yayiyintoni eyayisentliziyweni nasengqondweni yakhe yayikukufa kufunjiwe.

Singasemoyeni sakuphinde sive ukuba ingaba yayisisiphi eso sifundo.

1.1.1 Yitsho okuthethwa leli binzana: (2)
Alitshoni lingenandaba.

1.1.2 Yintoni eyayibangela ingxolo kwisitalato wayehlala kuso uNomsa? (2)

1.1.3 Yintoni eyayothuse umzi ngombiko owawuphuma kwiphephandaba 'Intsimbi'? (2)

1.1.4 Bhala inqaku elalibhalwe kwiNtsimbi elalitsale abantu. (1)

1.1.5 Khetha impendulo echanekileyo. Bhala isimboli.

A. USakhi wayesele emlobolile uNomsa.
B. UNomsa wayengamazi uFundiswa.
C. UNomsa wawufumana lula umsebenzi. (1)

1.1.6 Yitsho okokuba yinyaniso okanye bubuxoki.

A. UNomsa akenzanga mzamo wokulungisa ubudlelwane babo noSakhi.
B. UNomsa walila akuva ukutshata kukaSakhi.
C. UNomsa wamsongela wazimisela ukuziphindezela. (3)

1.1.7 Wawuya kwenza ntoni ukuba yayinguwe owawukule meko kaNomsa? (1)

1.1.8 Tshatisa ubhale kuphela isimboli

| | | | |
|---|---|---|---|
| a). | Izivubeko neminjunju yemihla yangaphambili. | A. | Wazama ukulwela ilungelo lakhe. |
| b) | Umtya nethunga. | B. | Iintlungu. |
| c) | Wazama ukuxhatisa. | C. | Ukuvana. |

(3)

1.1.9 Ungabuchaza njani ubudlelwano phakathi kukaNomsa noFundiswa? Cacisa. (2)

1.1.10 Ingaba usathane wamsebenzisa kanjani uNomsa? (1)

1.1.11 Ngokwakho ucinga okokuba kuthetha ntoni oku?

a) wangcola ngokwasentliziyweni nangokwasengqondweni. (1)
b) wabindeka emphefumlweni. (1)

**[20]**

Isicatshulwa B

B.

Nomhle High School
P.O. Box 181
Johannesburg
2000

16 Septemba 2003

Bulelwa endimthandayo

Ezibuhlungu azipheli kuba kaloku ubomi obu bungamahlandinyuka. Imihla yethu mifutshane ibaleka njengesithunzi igqithe ngephanyazo.
Masibonwabele obu bomi busaseleyo kuba ingomso alaziwa. Ndiyabulela ukuva ukuba uyaphila yaye wasinda kulo ngozi yokutsha kwendlu nilele.
UYehova unathi ngamaxesha onke yaye uyasikhusela nangona singamenzeli okuhle kumaxesha amaninzi. Nathi ke maNdaba siyangcambaza sisababona abasibonayo.
Sonwabile apha noLinda. Ndandingatsho ukuba uya kuphinda abesezingqondweni emva kokuva ukuba unentsholongwane kagawulayo.
Uzimisele ezifundweni zakhe yaye uphumelela emagqabini. Namhlanje ungena ephuma ezikolweni efundisa, exhasa abo bakule meko yakhe.
Yonwabile intombi yaye yomelele. Asilali singabonananga. Nguye nondithundeze ukuba ndikubhalele uthi ubuhlobo bethu bohlala buhleli.

Ezibuhlungu azipheli kuba kaloku ubomi obu bungamahlandinyuka. Imihla yethu mifutshane, yaye ibaleka njengethunzi igqithe ngophanyazo. Xa izinto ezimbi nezibuhlungu zisivelela kufuneka sifunde ukuzamkela ngalo ndlela ziza ngayo siya kubenza lula ubomi bethu, siphile ixesha elide. UYehova unathi ngamaxesha embandezelo yaye uyasikhusela kwizilingo esithi sihlangabezane nazo nangona singamenzeli okuhle ngamaxesha olonwabo.

Sonwabile apha noLinda nangona ekhe wasothusa ngendlela ebegula ngayo. Sasesicinga ukuba ixilongo lingakhala nokuba kunini na. Enziwe amatile-tile emva kokuhlolwa kwegazi izihlandlo ezithathu zibuya zithetha into enye. Simsile nakubacebisi ukuze bamoluleke amkele oko sekwenzekile. Iinyembezi zakhe zanga ngamaqabaza emvula, walila kabuhlungu.

Emva kweveki ezimbini ubonise ububhetele wahlambuluka, watya waqala ukuthetha nathi. Namhlanje ndithetha nje ubuyele esikolweni yaye uphumelela kakuhle kwizifundo zakhe. Uzimisele ekufundiseni oontanga yakhe ngesi sifo, ungena ephuma ezikolweni exhasa abo bakule meko yakhe.

Bulisa kubo bonke kokwenu.

Umhlobo wakho
Thembeka

1.1.12 Ufunda phi uThembeka? (1)

1.1.13 Ibhalwe nini le ncwadi? (1)

1.1.14 Ngubani uLinda? Cacisa. (3)

1.1.15 Waziva njani uLinda akuxelelwa ngeziphumo zakhe? (2)

1.1.16 Ukuba yayinguwe uLinda wawuyakusabela njani kwezi ndaba? (2)

1.1.17 Yitsho into ethethwa ngala mabinzana:

a) ubomi bungamahlandinyuka. (2)
b) ingomso alaziwa. (2)
c) ukuthundeza. (2)

**[15]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

ISISHWANKATHELO




- Shwankathela ngamagama angama – 50 isiqendu esilandelayo.
- Bhala ngokwengongoma.
- Bhala iingongoma zibe si-7.
- Bhala ingongoma kumgca ngamnye.
- Bhala ngezivakalisi ezigcweleyo.
- Sebenzisa amagama angawakho.
- Bhala kwizibiyeli () amagama owasebenzisileyo.

Umntwana okwaziyo ukufunda akabi neengxaki kwizifundo zakhe. Nceda owakho aphumelele ngokumkhuthaza azithande iincwadi. Umntwana ongakwazi ukufunda uhlangabezana nobunzima kwizifundo zakhe. Ukuba umntwana akakwazi ukufunda akanakuyilandela into ayifundayo de ekugqibeleni azibone esisibhanxa atshone. Uthi ke akukwazi ukufunda ithi isuke inkungu, umsebenzi wakhe wesikolo ube mhle atsho azithembe unkabi.

Mkhuthaze azithande iincwadi kuba zenza lutyebe ulwimi lwakhe, iphangalale nengqondo yakhe ngolwazi. Kungesi sizathu kufuneke umfundele rhoqo esemncinane umntwana wakho.

Abantwana abaneminyaka ephakathi kwemithathu ukuya kwemihlanu bayawathanda amabali. Ukujonga imifakekiso ufunde iimagazini nomntwana wakho, umxelela ukuba uzifundela ntoni, komnceda azithande iincwadi. Yonwaba xa ufunda naye. Qhula, wonwabe, uhleke, udlale ngamagama nezafobe ukuze abuve ubuncwane bokufunda, aboyamanise nolonwaba.

Abantwana, bayathanda ukulinganisa. Ukuba ufuna owakho akuthande ukufunda, yiba ngumzekelo kuye. Ukuba umbonisa ukuba ukufunda kumnandi kwaye kubalulekile, uya kuwa ekhondweni lakho.

Mbonise umntwana wakho ukuba ukufunda kunxulumene nobomi bemihla ngemihla asinto nje yasesikolweni kuphela. Mkhuthaze ukuba awafunde amagama awabona rhoqo anjengala:- amagama abhalwa kumasebe karhulumente, ezindleleni njalo-njalo.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C

UKUSETYENZISWA KOLWIMI

Phendula yonke imibuzo kweli candelo.

### UMBUZO 3

3.1 Khetha kumagama owanikiweyo ugcwalise izikhewu.

| mbeleko, ndlovu, ngumboko, ntliziyo, mzimba, ingwe, sibonda, namazolo |
|---|

UMandela uyathandwa yi __3.1.1__ leyo edla ngamabala. Ngenxa yokuba selemdala akasekho bukhali ngenene akukho __3.1.2__ siguga __3.1.3__ aso. Usuka athethe yedwa athi guga __3.1.4__ sala __3.1.5__ uyosala ubalisa. Nangona wayebotshwe ixesha elide nje akalahlanga __3.1.6__ ngakufelwa. Wayeme ngelithi akukho __3.1.7__ yasindwa __3.1.8__ wayo. (½ x8=4)

3.2 Xela ukuba ezi zikhuzo zisetyenziswa xa kutheni. Khetha kumagama angezantsi. Bhala inombolo nempendulo.

| ukubulisa, ulonwabo, ukucaphuka, ubuhlungu |
|---|

3.2.1 Shu! Zindityile ezi zihlangu, bendiyabaza ukuhamba oku. Nangona bekumnandi kulo mtshato kuvakala, amayeyeye 3.2.2 nohalala halalala nguwo umtshato! Bezikho nezaphuselane. 3.2.3 Nx! Ndiphantse ndambeka isandla uSoli unochuku. (1x3=3)

3.3 Bhala amagama aphikisa lawo anomgca.

| Kwezi zifo zikhoyo ngoku kufuneka abantu bayeke ubuxelegu kodwa babe 3.3.1 ngama- . Isifo ugawulayo asikhethi sihlasela izityebi nama- 3.3.2 . |
|---|

(1x2=2)

3.4 Bhala esi sivakalisi ngendlela evakalayo.

| Kuwe, na abanamashishini neli afana elikufutshane bakhona? |
|---|

(1)

3.5 Funda lo mhlathana wandule uphendule imibuzo elandelayo.

| Imfundo namhlanje lilungelo lawo wonke umntu. Ngelishwa imali ehlawulelwa imfundo ingaphaya kokuqonda ingakumbi kubantu abangasebenziyo. Abazali ibadla imali eninzi imfundo yabantwana babo batsho bangakwazi nokuzondla. Ekuhlaleni ke uya kutyiwa izithende umzali ofundisayo abekwe amabala ngokuthanda izinto. |
|---|

3.5.1 Bhala ngamazwi akho okuthethwa zezi zivakalisi:
(a) Imfundo yanamhlanje ibadla imali eninzi abazali. (1)
(b) Abamelwane bamtya izithende umntu ofundisayo. (1)

3.5.2 Bhala esi sivakalisi kwixesha elidlulileyo.
Imali ehlawulelwa imfundo ininzi. (2)

3.5.3 Bhala imo elandulayo. (2)
Imfundo namhlanje lilungelo lawo wonke umntu.

3.5.4 Bhala igama elichaza into. (1)

3.6 Fakela ezi zimamva –kazi, -ana kumagama akwizibiyeli.
Bhala kuphela amagama.

Ndalifumana 3.6.1 (ithuba) lokuba ndithethe. Abafundi bane 3.6.2 (ndlela) engaqondakaliyo yokwenza izinto. Unkosikazi Mva uyi 3.6.3 (titshala) kweso sikolo. (1x3=3)

3.7 Nika igama elinye lebinza elinomgca.

Ndihlangene nomama osele ekhulile edondolozela efuna kwantombi yakhe. (1)

3.8

Wayelele uyise ethe zole nendalo ithe cwaka inga useluxolweni nako konke okumngqongileyo, ngathi neengilosi zazimnike isizotha nentlonipho. Ebusweni bakhe kwakufundeka uxolo ukuthula, inzolo, uloyiso, ukuphumla nempumelelo emva kokubaleka umgama weemayile ezivayo. Yayiphelile intlungu luphelile uloyiko de kwaphela namaxhala. Lo mini isathe tha engqondweni okwesibane phezu kwetafile.

3.8.1 Nika iintsingiselo zala magama njengoko esetyenziswe kwesi siqendu.

| Zole, tha |
|---|

(2)

3.8.2 Nika izithetha-ntonye zala magama uthathela kwesi sicatshulwa.

| Cwaka, uxolo, uloyiso, uloyiko |
|---|

(1/2x4=2)

3.9 Khetha igama elichanekileyo uvale izikhewu:

| Okombane, okwengonyama, okwehashe, okomcinga |
|---|

Ndibone umntwana obhitye oko 3.9.1 _________ kodwa unamandla okwe 3.9.2 _________ yaye unomkhitha. okwe 3.9.3 _________. (3)

3.10 Bhala ezi zivakalisi ngendlela eya kunika intsingiselo. Bhala igama lodwa.

3.10.1 Uninakhulu (funda) abantwana bakhe incwadi.
3.10.2 Kwakubhalwe uxolo (ubuso) bakhe. (1x2=2)

3.11 Bhala esi sivakalisi kwisininzi.

| Olu phawu lubonisa ukuba lo mntu mdala. |
|---|

(1)

3.12 Fakela iimpawu ezifanelekileyo.

| Uzolile wafunda into eninzi kumhlobo wakhe uLiziwe. ngaba yaba luncedo into yokuhlangana kwabo. |
|---|

(2)

3.13 Funda esi sivakalisi ze usibhale kwakhona uqale ngolu hlobo:

UFikile uthi _______________.

| "Ndibabonile ooSipho noMangidi besiba iipesika zakuloLizo." utshilo uFikile. |
|---|

(1)

3.14

| Wasebenza nzima ukuze abe ngophumelelayo. Abantu bacinga ukuba imisebenzi ifumaneka lula kanti akunjalo. |
|---|

Bhala esi sivakalisi kwisinye.
Abantu bacinga ukuba imisebenzi ifumaneka lula. (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**AMANQAKU EWONKE 80**

**ISIPHELO**